Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Muntakhab Ahadith Incwadi Malunga Nokholwa).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2020

ISBN:
978-0-620-89383-1 (Print)
978-0-620-89384-8 (Ebook)

KHUPHELA KWI EBOOK:
http://alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokholwa/

*Ipapashwe yi:*
**Al Hidayah Centre,** Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent
Salsoneville, Port Elizabeth
Telephone: 041 492 2773
Whatsapp: 041 492 2773 | https://wa.me/27414922773
Email: info@alhidayah.co.za
www.alhidayah.co.za

***"Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakukbo khona'ukuze enze umyalezo ucace kubo. Ke kaloku u Allah Uvumela alahleke lowo Athande ukuba alahleke, Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Yena nguSomandla, uSobulumko."***
***(Quran 14:4)***

# FUNDA MALUNGA NE-ISLAM

Xhosa Resources

**Audio**

1. Lectures on University of Fort Hare’s Radio Forte
   http://alhidayah.co.za/radio-forte-xhosa/

2. Tafseer on the Noble Quran
   http://alhidayah.co.za/xhosa-tafseer/

**Audio Visual**

3. Clips with Arabic Surahs of the Noble Quran together with Xhosa translation and transliteration
   http://alhidayah.co.za/quran-xhosa-translations/

**Print**

4. Xhosa Newsletter with range of topics
   http://alhidayah.co.za/ilizwi-le-islam/

5. Book on basics of Islamic belief (Aqaaid)
   http://alhidayah.co.za/tayseerul-Aqaaid/

# Imbulambethe by 1

I Islam yafika eAfrika phambi kokuba ifike eMadinah.

Iqela lamaMuslim okuqala lathunyelwa e Abyssinia ngumProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wathi makayocela igwiba lokhuselo kwikumkani enobulungisa yase Afrika. Leyo yinyani engangxengwanga yezembali.

Kwiinkulungwane eziliqela emva koko i-Islam yanwenwa ngokukhawuleza kwizwekazi lase Afrika, kwimilibo eyahlukeneyo emithathu: ngaseNtshona uyokufikelela eMantla eAfrika, ukusukela apho yehla yazo kufikelela eSahara kanti nokuhla uyokutsho kunxweme lwaseMpuma lweZwekazi kuyokuqhagamishela apho namhlanje kukho iMozambique.

Oko kunwenwa kwenzeka ngaxesha linye nokufika kuka Da Gama eCape of Good Hope, njalo yaba sisiqalo sokufika kobuKoloniyali base Yurophu.

Ngokufika kwabo kwanqumama ukunwenwa kwe Islam kwezinye iingingqi, ngenxa yezigalo namandla obuKoloniyali.

Kodwa nasekubeni kunjalo isigqibo sikaAllah asokuze sijikwe mntu okanye nto. Ngeendlela ezingalindelekanga u-Allah wenza ukufuduswa ngenkani kwamaMuslim ukusuka eMpuma Ekude yaba yindlela i-Islam efikelela ngayo kwiNcam yeAfrika. Kunye nesiqalo sayo kumthunzi we Ntaba Yetafile yase Kapa, Yakhula ngokukhawuleza okukhulu ekuthambekeni kwinkulungwane ye 18 nasekuqaleni kwenkulungwane ye 19 nto leyo yabangela inkxalabo kwiCawa nakwiNkampani.

Ngenxa yezizathu ezahlukeneyo okokuhluma kwamaMuslim kweza nemilo yangaphakathi.Elo themba likhulu lokuhluma lagutyungelwa lusukuzwano, njalo abe amandla okuya phambili. Endaweni yokuba amaMuslim abheke phambili, amaMishinari aseYurophu alenyusa izinga lawo kancinci ada azokufikelela eMazantsi eAfrika.

Ngoku ixesha lifikile lokuba sicholachola apho kwashiywa khona kuyiwe phambili. Siyathemba ukuba le ncwadi ineengqokelela ze Ahadith zika Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam iguqulelwe esixhoseni, iyakunika

inkxaso ekuvaleni isikhewu esivulekileyo ngenxa yamathuba esiphulukene nawo okuhambisa inkolo ye Islam, nokuvala ezo mbobo zikhokelele ekuphulukaneni kwalo mathuba.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi kwaye awusikelele.

**Mufti M Taha Karaan**

Principal | Dār al-ʿUlūm al-ʿArabiyyah al-Islāmiyyah, Strand, South Africa

# Imbulambethe by 2

Iindumiso zonke zezi ka-Allah kwaye iinceba neentsikelelo zika Allah mazibe kumProfethi wethu esimthandayo uNabi sallallahu alayhi wasallam

Kwicala le Jamiatul Ulama (KwaZulu Natal), kuli wonga elikhulu nochulumanco ukuba ndikwazi ukwenza la mabala engwe malunga nokupapashwa kwee Ahadith eziyi 100 malunga nokholo, kwiihadith zikaNabi sallallahu alayhi wasallam eziqulathwe kwincwadi ebizwa ngokuba yiMuntakhab Ahadith ngolwimi lwesiXhosa.

Inene kukho imfuneko emandla yokuba kubekho iincwadi ezithembakeleyo zolwimi lwesiXhosa kuquka nezinye iilwimi zase Afrika, ingakumbi kuMzantsi Afrika onencubeko ezahlukeneyo.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi mhle kumguquli, uMoulana Muhsin Mbotoli kunye nompapashi, uMoulana Muhammad Badsha we Al Hidayah Centre in Port Elizabeth, South Africa.

Kulu chulumanco olugqithisileyo nanga kumbi kuba zombini ezi Ulama Zihloniphekileyo ziyi mveliso ephuma kwiziko le mfundo ephakamileyo yethu iMadrasa Taleemuddeen in KwaZulu Natal, South Africa.

Inga le ncwadi isikekekileyo ingangu nobangela wokuba le nkolo yethu intle ingayo kufikelela kwiimbombo zone zabo bathetha ulwimi lwesiXhosa.

Inga u-Allah angayenza le ncwadi ibe ngumthombo weentsikelelo kunye nokuba isenze sisondele nangakumbi kuNabi sallallahu alayhi wasallam, Aameen.

**Moulana Ahmed E Mahomedy**

Ameer | Jamiatul Ulama KZN, Durban, South Africa

# Uphawula komGuquli

Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi, Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo, khona'ukuze enze umyalezo ucace Kubo.

Kule vesi ingentla siyabona Indlela u-Allah Ta'ala afuna ngayo ukuba wonke umntu abe sendleleni etye, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyacaciselwa ngolwimi lwakhe ngokucacileyo.Nam ngenceba ka Allah nangenxaso ye Al Hidayah Centre ingakumbi iNkokheli yayo uMoulana Muhammad Badsha osoloko ebila esoma ukuqinisekisa ukuba ngalo lonke ixesha yonke into esiyifunayo khona ukuze abo bafuna ukufunda nge Islam ngolwimi lwesiXhosa bayakwazi ukufumana ulwazi ngolwimi lwesixhosa. Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam, hayi ngokumfanyekiswa. Ndiyathemba ukuba le nguqulelo yezi Ahadith eziyi 100 iyakuba luncedo kwabo bafuna ukuqinisekisa ukuba bafumana ukubaluleka kwe Kalimah Tayyibah kwi Ahadith nqo.

Inga u-Allah angayenza le mizamo yethu yokuguqulela esiXhoseni ezi Ahadith Shareef zibe zinga kukukhanya kweli hlabathi nakwi xa elizayo, kubo bonke abo bathe bancedisa ukuba kube yimpumelelo. Aameen

**Moulana Muhsin Mbotoli**

Lecturer in Hadith | Dawah Department, Al Hidayah Centre, Port Elizabeth, South Africa

# Part 1 | Imaan *(Ukukholwa)*

1. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: I-Imaan inamasebe angaphezulu kunamashumi asixhenxe; elona likwinqanaba eliphezulu kukuthi La-ila-ha-illallah (Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah); kwaye elona nqanaba lisezantsi kukususa umqobo endleleni; kwaye ukuba nentloni nako lisebe le Imaan. *(Muslim)*

   ***Qaphela:*** *Ingxam yokuba nentloni kukukwazi ukuzibamba kwizinto ezingalunganga kunye nokunqanda ukuba umntu angakhathaleli amaxanduva ekufuneka ewazalisekisile wabanye abantu. (Riyad-us-Salihin)*

2. **U-Abu Bakr** radhiallahu anhu uchaza ukuba URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo uyakuthi omnkele kum le kalimah, yona endathi ndayinika umalume wam (Abu Talib xa wayesekhukweni lokufa) wayigatya, kuye (lowo uyomnkelayo) lusindiso. *(Musnad Ahmad)*

3. **U-Abu Hurairah** radhiallahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Hlaziya i-imaan yakho! Kwabuzwa: O Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Siyihlaziya njani i-imaan yethu? Waphendula wathi: Funda rhoqo u – La-ila-ha-illallah." *(Musnad Ahmad, Tabarani, Targhib)*

4. **U-Jabir ibne Abdullah** radhiallahu anhu uchaza ukuba: Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Eyona iDhikr ingcono yokukhumbula u-Allah ngu La-ila-ha-illallah, kwaye Eyona Dua ingcono ngu Alhamdulillah. *(Tirmidhi)*

***Note:*** *Le kalimah sisiseko senkolo yonke. Ngaphandle kokukholelwa kule kalimah, i-imaan kunye nezenzo ezilungileyo azomnkeleki. U-Alhamdulillah kuthiwa yeyona Dua ingcono, kuba ngokudumisa u-Allah, Yena unguSosisa (unesisa esininzi), ngokumdumisa kuyafana nokuba ucela uncedo okanye isenzelelelo Sakhe. (Mazahir Haq)*

5. **U-Abu Hurairah r**adhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Ngalo lonke ixesha isicaka sika Allah sisithi La-ila-ha-illallah ngokunyanisekileyo, iingcango zamazulu ziyavuleka (khona ukuze lo kalimah inyuke) ide iyokufika kwitrone ka-Allah, kwaye yomnkeleke) kuxhomekeke oko lowo ufunda le kalimah uhlalela kude na kwizono ezikhulu. *(Tirmidhi)*

   ***Note:*** *Ukufunda le kalimah ngokunyaniseka kuthetha ukuba akuhanahanisi. Ukuhlalela kude kwizono ezikhulu kuqinisekisa ukuba yomnkeleka ngokukhawuleza, kodwa ukuba uyayifunda nasekubeni ezenza izono ezikhulu iseluncedo kwaye uyavuzwa ngokuyinda. (Mirqat-ul-Mafatih)*

6. **U-Ya'la ibne Shaddad** radhiallahu anhuma uchaza ukuba utata wakhe (Shaddad) wamchazela kukho u-Ubadah ibne Samit radhiallahu anhuma yena waqisekisa ngobunyani bale nkcazelo. Wathi: Sasihleli noNabi sallallahu alayhi wasallam. Wabuza ukuba ingaba kukho umntu ongengomnye wethu na (Stranger) phakathi kwenu, akukho mntu wezibhalo ezingcwele zangaphambili na? Saphendula sathi: Akekho, O Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Wasiyalela ukuba sivale ucango wathi: Phakamisani izandla nithi La-ila-ha-illallah. Saphakamisa izandla umzuzwana (safunda ikalimah). Emva Koko Nabi sallallahu alayhi wasallam wasihlisa isandla saKhe wathi: Alhamdulillah (iindumiso zonke zezika Allah). O Allah Inene undithume nale kalimah kwaye undiyalele ukuba ndiyisasaze

eluntwini kwaye undithembise ngeParadesi ngoko, Inene akosophuli isithembiso. Wathi kwakhona ethetha namaSahaba: Inene, Vuyani kuba u-Allah unixolele izono zenu! *(Musnad Ahmad, Tabarani, Bazzar, Majma-uz-Zawaid)*

7. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Ngalo lonke ixesha isicaka sika Allah sifunda La-ila-ha-illallah emva koko sisweleke sikholelwa (kule kalimah, Inene siyakungeniswa eParadesi. Ndabuza: Nokuba ebehenyuzile na kwaye nokuba ebebile na? Waphendula nokuba ebehenyuzile kwaye nokuba ebebile. Kwakhona ndabuza nokuba ebehenyuzile na kwaye nokuba ebebile na? Waphinda waphendula wathi: Nokuba ebehenyuzile na kwaye nokuba ebebile na. Ndabuza (okwesithathu): Nasekubeni ebehenyuzile na kwaye nokuba ebebile na? Wagxinisisa: Nokuba ebehenyuzile na kwaye nokuba ebebile na, nokuba akathandi u-Abu Dhar! *(Bukhari)*.

   ***Note:*** *U-Abu Dhar radhiallahu anhu wamangaliswa kukuba nasekubeni lo mntu enze izono ezikhulu kangako, kunjani ukuba angeniswe eParadesi, ngelixesha ubulungisa bungakhange benziwe ngokuthi kuqala ohlwayelwe ezo zono. Kungeso sizathu sibona uNabi sallallahu alayhi wasallam esusa esosikrokro sika Abu Dhar radhiallahu anhu ngokugxininisa ukuba (nokuba uyakrokra na) lo mntu uyakungeniswa eParadesi: Nto ebonisa ukuba.*

   *Nasekubeni enze izono ezikhulu, kodwa kodwa ngenxa ye Imaan anayo uyakuguqukela ku Allah ukuba amhlambulule Amxolele izono zakhe; okanye u-Allah ngenxa yenceba yaKhe Amxolele amthumele eParadesi ngaphandle kwesohlwayo okanye emva kokwe hlwaya. Nokuba yeyiphi na imeko. Isiphetho kukuba athunyelwe emazulwini. (Ma'ariful Hadith)*

8. **U-Hudhaifah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: I-Islam iyakunyamalala kancinci njongoko kusenzeka kumzobo oselaphini, kangangokuba akuzokwaziwa ukuba ukuzila (fasting), ukwenza umnikelo (Zakaat) kunye nokizinikezela enkolweni nasekwenzeni idini (Nusuk) ukuba yintoni na? Ngabusuku buthile, iQuran iyakuphuma ezintliziyweni zabantu kangangokuba akuzokushiyeka nanye ivesi emhlabeni, kuyakusheka igcuntswana labantu, labantu abadala, eliyakuthi: Safumana ookhokho bethu babefunda iKalimah La-ila-ha-illallah, kungoko nathi siyifunda nje. USilah ibne Zufr wathi kuHudhaifah radhiallahu anhu: Ukufunda kwabo u La-ila-ha-illallah kuza kubanceda njani xa bengakwazi ukuba yintoni na ukuzila, zakaat. Kunye neNusuk? U-Hudhaifah radhiallahu anhu azange amphendule. Kwakhona (uSilah ibne Zufr wawuphindaphinda kathathu umbuzo wakhe, qho uHudhaifa radhiallahu anhu ewuphepha lo mbuzo. Emva kwetyeli lesithathu waguquka wajonga kuye esithi: O Silah! Inene iyakubasindisa emlilweni. *(Mustadrak, Hakim)*

9. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo ufunda u- La-ila-ha-illallah, iyakumzuzisa (iyakumsindisa) nasekubeni phambi koko ebe fumene ubunzima okanye uzakubufumana. *(Bazzar, Tabarani, Targhib)*

10. **U-Abdullah ibne Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Ndinganichazela na malunga neengcebiso zika Nuh alaihis salaam kunyana wakhe? Baphendula bathi: Inene sixelele. Wathi: UNuh alaihis salaam wacebisa unyana wakhe wathi: "O nyana wam! Ndikucebisa ukuba wenze izinto ezimbini kwaye ndiyakunqanda kwizinto ezimbini, Ndikucebisa ukuba ufunde u La-ila-ha-

illallah; kuba ukuba unokubekwa kwicala lesikali ukuze kwelinye icala lesikali kubekwe amazulu nomhlaba u (La-ila-ha-illallah) ubunzima bakhe bungangaphezulu (kunamazulu nomhlaba). Kwaye ukuba (elizulu nomhlaba) zingenziwa isangqa esiluqilima, le (kalimah) ingagqobhoza iyokufikelela ku-Allah Ta'ala. Ndiyakucebisa ukuba ufunde: Subhaanallahil Azeem Wabihamdihi (Uzuko malube ku Allah Ophakamileyo kwaye zonke iindumiso Zezakhe), kuba lawo (ngamagama) okunqula asetyenziswa yindalo yonke, ngawo isondlo sibekwa bucala; kwaye ndiyakunqanda kwizinto ezimbini shirk, kunye neKibr (ukuziphakamisa) kuba ezo zinto zimbini zimbi zimugcinela kude (umntu) ku- Allah Ta'ala. *(Bazzar, Majma-uz-Zawaid)*

11. **U-Talha ibn Abdullah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene kukho iKalimah endiyaziyo ukuba ithe yafundwa ngumntu oswelekayo, inika intuthuzelo kulo mphefumlo uhambayo kwaye nokukhanya kuye ngemini yoVuko (le kalimah yile: La-ila-ha-illallah). *(Abu Ya'la, Majma-uz Zawaid)*

12. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza (kwintetho ende) ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Wonke umntu uyakukhutshwa emlilweni, lowo uthe La-ila-ha-illallah, kwaye entliziyweni kukho okulungileyo (Imaan) ubunzima kwako kulingana nekhozo lwerhasi (barley). Emva kwabo wonke umntu uyakukhutshwa emlilweni (umntu) othe: La-ila-ha-illallah kwaye entliziyweni yakhe kukho okulungileyo (Imaan) ubunzima kwako kulingana nekhozo lengqolowa. Emva Koko wonke umntu uyakukhutshwa emlilweni lowo uthe wathi: La-ila-ha-illallah, kwaye entliziyweni yakhe kukho okulungileyo (Imaan) ubunzima kwako kulingana nekhozo lothuli. *(Bukhari)*

13. **U-Miqdad ibne Aswad** radhiallahu anhu uchaza ukuba Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Akukho ndlu iyakusala emhlabeni (eyakhiwe) ngodaka okanye ngesikhumba senkamela edolophini, emaphandleni okanye entlango, ngaphandle kokuba u-Allah uyakwenza kufikelele kuyo le kalimah ye Islam, (ingene) ngesidima nangothando, okanye ngokuzinikezela nokuhlazeka, u-Allah uyakubanika isidima ngokuthi abenze inxalenye Yale kalimah, okanye bahlazeke ngokuthi baphile phantsi kolawulo lwamaMuslim. *(Musnad Ahmad)*

14. **U-Ibn Shimasa Al Mahri** rahimahullah uchaza uthi Sasihleli no Amr ibn Al Aas radhiallahu anhu ngexesha esecicini lokufa. Emva kokulila isidala, wajonga ngasedongeni. Ngelo thuba, unyana wakhe wamthuthuzela esithi: O tata wam! Ingaba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam azange akunike iindaba ezimnandi na? Ingaba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam azange akunike iindaba ezimnandi zalento le naleya? Waguquka (u-Amr ibn Al Aas) wajonga kuthi wathi: Inene Eyona nto ingcono esiyilungiselelayo kukungqina ukuba La-ila-ha-illallah wa Anna Muhammadur Rasoolullah (Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye uMuhammad siSicaka sika Allah). Inene ebomini bam ndigqithe izigaba ezithathu. Ndazibona ngexesha apho kwakungekho namnye onentiyo egqithisileyo ngaku Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam ukogqitha mna, kwaye kungekho namnye owayenqwenela ukufumana ithuba lokumbulala ukogqitha mna! Ukuba ndandinokufa kulo meko, ndandizakuba ngomnye wabantu basesihogweni. U-Allah waya wabeka i-Islam entliziyweni yam, ndeza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ndathi: Ndinike isandla sakho sasekunene, khona ukuze ndizokwenza isibhambathiso nawe. Wasolula isandla saKhe sasekunene, ndasirhoxisa esam isandla. Akubona oku

(ukurhoxisa kwam isandla) wabuza wathi: Yintoni ingxaki yakho O Amr? Ndaphendula: Ndifuna ukubeka umqathango. Wathi: Ufuna ukubeka umqathango wantoni? Ndaphendula: Umqathango wokuba ndibe ndizakuxolelwa (izono zam! Wathi: Ubungayazi na ukuba ngokomnkela i-Islam izono ubuzenze phambi koko ziyacinywa kwaye ihijra (imfuduko) icima zonke izono eziphambi kwayo kwaye iHajj icima zonke izono ebezenziwe phambi kokuya kuyo. Emva (kokuva lo ntetho) akukho mntu wayehloniphekile kum ukogqitha uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam. Amehlo wam ayengoneliseki kukujonga uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngenxa yokumhlonipha. Ukuba ndandinokubuzwa ukuba ndimchaze, Ndandingeze ndikwazi ukumchaza kuba ndandi ngamjongi ndoniliseke: Ukuba ndandi nosweleka kulo meko, Ndandi zakuba nethemba lokuba ngomnye wabantu baseParadesi. Emva koko sanikwa amaxanduva endizaziyo mna ukuba ndiqhube njani na (malunga nokufezekisa loo maxanduva). (Elo yayilibakala lam lesithathu lobomi bam) xa nindingcwabile andizokulandelwa ngumfazi olilayo okanye umlilo. Xa nigqibile ukundingcwaba, yenzani isangqa esingathi yinduli engcwabeni lam ngodaka, emva nilinde kufutshane nengcwaba lam ixesha elilingana nexesha elinokuthatyathwa xa kuxhelwa inkamela kude kwabiwe inyama yayo, khona ukuze ndifumane intuthuzelo kuni, ngelixesha ndicinga impendulo endizakuyinika abathunywa (iiNgelosi) beNkosi yam. *(Muslim)*

15. **U-Umar ibn Al Khattab** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: O nyana kaKhattab! Hamba uyokwazisa eluntwini ukuba inene akukho namnye uyakungena eParadesi ngaphandle kwe kholwa (Mu'min). *(Muslim)*

16. **U-Abu Laila** radhiallahu anhu uchaza uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Yeha kuwe Abu Sufyaan! Ndize kuwe

(nempumelelo) yeli hlabathi neye lixa elizayo, kengoko omnkela i-Islam uzokukhuseleka. *(Tabarani, Majma-uz-Zawaid)*

17. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza: Ndeva uNabi sallallahu alayhi wasallam esithi: Ngemini yoVuko, Ndiyakuvunyelwa ukuba ndithethelele, kengoko ndiyakuthi: O Nkosi yam! Thumela eParadesi wonke umntu entliziyweni yakhe kukho i-imaan engange khozo lwemostade (u-Allah uyakwamnkela ukuthethelela kwam, njalo bayakugeniswa eParadesi.Emva koko Ndiyakuthi! Thumela eParadesi nawuphina umntu entliziyweni yakhe kukho elona suntswana lincinci (le imaan). *(Bukhari)*

18. **U-Abu Saeed Al Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi kwihadith Qudsi: Ekubeni bonke abahlali baseParadesi bengenile, nabase sihogweni bengenile, u-Allah Ta'ala uyakuthi! Khupha kuso (esihogweni) wonke umntu entliziyweni yakhe kukho i-imaan engange khozo lwemostad. Bayakukhutshwa esihogweni bemnyama (ngenxa yesihogo). Bayakufakwa emlanjeni wobomi kulapho bayakuphuma bedlamnkile, njengokuba imbewu iphuma ecaleni komlambo onamanzi. Azange uyibone indlela ephuma ngayo imthubi ibugoswana? *(Bukhari)*

19. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba indoda ethile yabuza uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: O Rasoolullah! Yintoni i-imaan? Waphendula: Xa Izenzo Zakho ezihle zikonwabisa ukuze Izenzo zakho ezibi zikukhathaza, xa kunjalo uyi Mu'min (ikholwa). *(Mustadrak Hakim)*

20. **U-Abbas ibn Abdul Muttalib** radhiallahu anhu uchaza ukuba: Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Ubungcamlile ubuncwane be Imaan; lowo wonelisekileyo

nguAllah njengeNkosi yakhe nange Islam njengenkolo yakhe kwaye nangu Muhammad sallallahu alayhi wasallam njengo Mthunywa ka (Allah). *(Muslim)*

***Note:*** *Ithetha ukuba nawuphina umntu okhonza kwaye aziphathe ebomini bakhe NGOKWE Islam, ngokuthobela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngokuhlangene nothando olunzulu luka Allah noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngokuyinene (lowo unjalo) Ubungcamlile ubuncwane be -imaan.*

21. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Nawuphina onazo ezimpawu zintathu uyakungcamla ubuncwane be-imaan. Lowo uthanda u-Allah nomThunywa wakhe ngaphezulu kwayo yonke into; lowo uthanda omnye umntu ngenxa ka-Allah yedwa; nalowo ukuthiyileyo ukubuyela kwiKufr njengokuba ekuthiyile ukuphoswa emlilweni. *(Bukhari)*

22. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Nawuphina umntu othanda ngenxa ka-Allah yedwa kwaye athiye ngenxa ka-Allah yedwa; (xa enika) unika ngenxa ka-Allah yedwa kwaye xa ebandezela ubandezela ngenxa ka-Allah, lowo uyifezekisile i-imaan yakhe. *(Abu Dawud)*

23. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wabuza uAbu Dhar: O Abu Dhar! Sesiphi isixhaso se Imaan esithembakeleyo? Waphendula wathi: U-Allah nomThunywa waKhe bazi ngcono. Wathi: Ubuhlobo ngenxa ka-Allah yedwa ukuthandana ngenxa ka-Allah yedwa nokuthiya ngenxa ka-Allah yedwa. *(Baihaqi)*

***Note:** Ithetha ukuba kumasebe onke e-imaan, elona sebe lihlala ithuba elide elikhuthazayo, kunxulumano nabantu ekuqiniseni amakhonco okanye ekophuleni amakhonco, ngothando okanye ukuthiyana, engulowo ujonga ukuba intando ka-Allah iphi na kwaye enze ngokomyalelo wayo, abekele bucala iinkanuko zakhe.*

24. **U- Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Nika iindaba ezimnandi kulowo uthe wakholelwa kum kwaye wandibona; kwaye Nika iindaba ezimnandi amatyeli asixhenxe kulowo uthe wakholelwa kum nasekubeni engandibonanga. *(Musnad Ahmad)*

25. **U-Abdur Rahman ibn Yazid** rahimahullah uchaza ukuba umntu othile wayencokola malunga namaSahaba radhiallahu anhum kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kunye namalunga ne-Imaan phambi ko Abdullah radhiallahu anhu. Wathi, U-Abdullah: UbuProfethi buka Muhammad sallallahu alayhi wasallam inene babucacile kumntu wonke owayembonile. Ndiyafunga ngalowo Mnye ngaphandle kwakhe kungekho namnye ofanelwe ukukhonzwa, Akukho kholwa linokholo olungcono ukugqitha ukukholelwa koko singakuboniyo. Emva Koko wacengceleza (kuSurah Al-Baqarah 2:1) *Alif Laam Meem Dhalikal kitaab laa rayba fieh … bil Ghaib* "Le ncwdi (Quran) Akukho mathandabuzo kuyo, isikhokelo kwi Muttaqeen: Amakholwa akholelwayo kongabonakaliyo." *(Mustadrak Hakim)*

26. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Ndinqwenela ukudibana nabantakwethu.AmaSahaba abuza: Asingabo na abantakwenu? Waphendula: Nina ningamaqabane wam, abantakwethu ngabo bayakukholelwa kum nasekubeni bengandibonanga. *(Musnad Ahmad)*

27. **U-Abu Abdur Rahman Al Juhani** radhiallahu anhu uchaza ukuba babehleli phantsi noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, xeshikweni kufika abakhweli ababini. Wakubabona Wathi: La madoda mabini akhangeleka ephuma kuhlanga lwama Kindah, Madhhij! Ekubeni befikile kwacaca ukuba ngokuyinene basuka eMadhhij. Omnye wabo weza ngaphambili ezokwenza umnqophiso. Xa ebamba isandla sakhe uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, wathi: O Rasoolullah! Iyakuba yintoni na umvuzo walowo ukubonileyo kwaye akholelwe kuwe kwaye angqine (konke othunywe nako) akulandele? URasoolullah sallallahu alayhi wasallam Waphendula: Nika iindaba ezimnandi kulowo (wenze njalo) Wagqithisa isandla sakhe phezu kwesandla sikaRasoolullah sallallahu wasallam wemnka esithabathile isibhambathiso.Omnye naye weza ngaphambili wabamba isandla sikaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esenza isibhambathiso.Wathi: O Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Lowo ukholelwayo kuwe akungqine kwaye akulandele nasekubeni engandibonanga, uyakufumana ntoni? Waphendula: Ziindaba ezimnandi kuye, kwakhona ziindaba ezimnandi kuye, kwakhona ziindaba ezimnandi kuye.Wagqithisa isandla sakhe kwisandla sikamProfethi wemnka ethabathe isibhambathiso. *(Musnad Ahmad)*

28. **U-Abu Musa** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Kukho iindidi ezintathu zabantu, abayakufumana umvuzo ngokuphindaphindeneyo: Umntu kubantu ababefumene incwadi (amaJuda okanye amaKrestu, athe akholelwa kumProfethi (wexesha lakhe) kwaye akholelwe nakuMuhammad sallallahu alayhi wasallam, isicaka esizalisekisa amalungelo ka-Allah kunye namalungelo enkosi yakhe; kunye nendoda enekhobokazana ethe yaliphatha kakuhle kwaye yalifundisa ngolwazi olungcono, emva koko ilikhulule

ilitshate nayo iyakufumana umvuzo ophindaphindeneyo. *(Bukhari)*

***Note:*** *Injongo Yale Hadith kukuchaza ukuba umvuzo ophindaphindeneyo uyakufumaneka ngesenzo ngasinye, xa uzithelekisa nezenzo zabanye abantu. Umzekelo, ukuba umntu wenza iSalaat, uyakufumana umvuzo ophindaphindwe kalishumi, kanti nawuphina kwababantu bezindidi zintathu xa esenza ezi zenzo zinye, yena uyakufumana umvuzo ophindaphindwe amashumi amabini. (Mazahir Haq)*

29. **U-Awsat** rahimahullah uchaza ukuba u-Abu Bakr radhiallahu anhu wathetha nathi esithi: Kunyaka ogqithileyo uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayeme kule ndawo ndime kuyo.Emva kokutsho, u-Abu Bakr radhiallahu anhu walila. Emva Koko U-Abu Bakr radhiallahu anhu wathi: Cela ku- Allah i-Aafiyah (ukuba sempilweni) kuba akukho mntu unikwe into engcono kune Aafiyah emva kwe Yaqin (ukuqiniseka enkolweni. *(Musnad Ahmad)*

30. **U-Amr ibn Shuaib** radhiallahu anhuma uchaza ukuba Inene uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Ukuqalisa kokwakhiwa ngokutsha kwale Ummah Iyakuba kuqiniseka kwayo elukholweni nokuzikhwebula kubumnandi belihlabathi, kanti ukuqalisa ukwehla kwalo Iyakuba ngenxa yokuvimba nokuba neminqweno (hopes) emininzi. *(Baihaqi)*

31. **U-Umar ibn Al Khattab** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene Ukuba unokukholelwa ku-Allah ngokugqibeleleyo, njengokuba kufanele wenze njalo, Inene u-Allah ngeninika nani isondlo njengokuba ezinika iintaka isondlo. Ziphuma kusasa (iintaka) zilambile kodwa zibuya malanga izisu zigcwele. (Tirmidhi)

32. **U-Jabir ibn Abdullah** radhiallahu anhuma uchaza ukuba wayesiya emfazweni noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngaseNajd; ngexesha ebuya (uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam) emfazweni (yena Jabir ibne Abdullah radhiallahu anhu) wayekhona. Emini maqanda bafika entlanjeni enemithi enameva. U-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam wehla (kwinto ewayeyikhwele), abantu bathi saa phantsi kwemithi befumana umthunzi. U-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphumla phantsi komthi wajingisa ikrele (sword) lakhe emthini. Salala umzuzwana, ngesiquphe wasibiza uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kwabe ecaleni kwakhe kukho ibhedu (Bedouin) elingeyiyo iMuslim ecaleni kwakhe. Wathi: Eli bhedu (Bedouin) lindirholele eli krele lam ngoku ndileleyo: Ndivuke ngelixesha line krele elize esandleni salo lisithi kum: Ngubani na onokusindisa kum? Ndathi mna kathathu: Allah! URasoolullah sallallahu alayhi wasallam azange amohlwaye (wasuka) wahlala phantsi. *(Bukhari)*

33. **U-Salih ibn Mismar** kunye **U-Ja'far ibn Burqan** rahimahumallah bachaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wabuza uHarith ibne Malik: Unjani, O Harith ibne Malik? Waphendula: Ndiyi Mu'min, O Rasoolullah! Wabuza: Ikholwa elinyanisekileyo! UNabi Sallallahu alayhi wasallam wathi: Inyani nganye ixhaswa bubungqina bayo. Kengoko yintoni ubungqina bokunyaniseka be Imaan yakho? Waphendula wathi: Kukuba ndilizele ngomva ihlabathi, ndichitha ubusuku ndihleli (ndinqula) kwaye ndichitha imini ndinxaniwe (ndizilile). Ngokungathi ndibona itrone yeNkosi yam xa iziswa ngaphambili, ngokungathi ndibona abantu base Paradesi betyelelana kuyo, ngokungathi ndiva izijwili zabantu basesi Hogweni bekhala! Wokuva, uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: (uHarith

Likholwa (Mu'min) elikhanyiselwe intliziyo. *(Musannaf Abdur Razzaq)*

34. **U-Ma'iz** radhiallahu anhu uchaza ukuba Ngenye imini uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi wabuzwa ukuba sesiphi esona senzo sihle? Waphendula wathi yi Imaan ku Allah Omnye, iJihaad emva koko yihajj eyomnkelekileyo. Ezi zinto (zikhankanyiweyo ziya zogqitha zonke ezinye izenzo oku komgama ophakathi kokuphuma kwelanga nokutshona kwalo ngasentshona. *(Musnad Ahmad)*

35. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba Ngenye imini amaSahaba kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ayencokola (ngobunewunewu) belihlabathi ekhona uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Qaphelani! Anizokumamela na? Qaphelani! Anizokumamela na? Inene ubomi obulula nobuthobekileyo busuka kwi Imaan. Ithetha ukuthi ubomi obunzima nempahla elula (echeap) kunye nokuncama ubunewunewu bobomi kangangokuba side some isikhumba somzimba. *(Abu Dawud)*

36. **U-Amr ibn Abasah** radhiallahu anhu Wathi: Yeyiphi i-imaan engcono? UNabi sallallahu alayhi wasallam waphendula: Hijra (ngokwenguqulelo yesichazi magama - ithetha ukufuduka. Emva Koko wabuzwa: Yintoni iHijra? Yena (uNabi) sallallahu alayhi wasallam waphendula: Kukulahlela kude isono. *(Masnad Ahmad)*

37. **U-Sufyan ibn Abdullah Al Thaqafi** radhiallahu anhu uchaza ukuba ndabuza ndathi: O Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ndixelele Eyona nto ibalulekileyo kwi Islam, khona ukuze kungabikho mfuneko yokubuza omnye umntu malunga nayo

emva kokubuza wena. Waphendula wathi: Ithi ndiyakholelwa ku Allah kwaye uqine unyamezele. *(Muslim)*

38. **U-Abdullah ibn Amr ibn Al Aas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: Inene, i-imaan iyaphelelwa ikrazuke njengokuba kusenzeka empahleni. Kengoko rhoqo cela u-Allah ukuba ayihlaziye i-imaan entliziyweni yakho. *(Mustadrak Hakim)*

39. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi Wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam u-Allah ubaxolele abalandeli bam kwizintyontyelo okanye kwiinkanuko zeentliziyo zabo, ngelixesha bengakazenzi ezo zinto okanye bengazithethi. *(Bukhari)*

40. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba amaSahaba athile eza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ambuza athi: Sizifumana ezintliziyweni zethu kukho iingcinga esiziva sinentloni ukuthetha ngazo.Yena wathi: Kunjalo, Ingaba kunjalo ngenene? Baphendula bathi kunjalo. Waphendula wathi: Oko kukusulungeka kokholo *(Muslim)*

41. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi Wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: Ngqina rhoqo u La-ila-ha-illallah *(Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah)* phambi kokuba kufike umqobo (ukufa okanye ukugula) phakathi kwenu nayo. *(Musnad Abu Ya'la, Targhib)*

42. **U-Uthman ibn Affan** radhiallahu anhu uthi Wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: Nawuphina lowo uthe wasweleka eyazi (kwaye ekholelwa) ukuba akukho mntu ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, bayakuyingena iJannat (iParadesi). *(Muslim)*

43. **U-Uthman ibn Affan** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo uthe wasweleka eyazi kwaye ekholelwa ukuba u-Allah uYinyani kwaye ukhona, uyakuyingena iJannat (iParadesi). *(Musnad Abu Ya'la)*

44. **U-Ali** radhiallahu anhu Wathi uNabi sallallahu alayhi wasallam: Uthi u-Allah Ta'ala: Inene Ndingu Allah, Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle Kwam, lowo ubuvumayo ubunye Bamu uyakungeniswa kwinqaba Yam, ukuze yena uthe wangeniswa kwinqaba Yam yena uyakukhuseleka kwisohlwayo Sam. *(Shirazi, Jami-us-Saghir)*

45. **U-Makhul** rahimahullah usichazela indoda endala kakhulu, enemisebe ethe bhu emehlweni, yafika yathi: O Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam indoda ethe yangcatsha, ehenyuzileyo, ezalisekise yonke iminqweno nenkanuko zayo; ukuba izono zayo zinokuthi zahlulelwe abantu bonke emhlabeni, zingabatshabalalisa. Ingaba ukuba ukuguqukela ku-Allah ngeTowba kungomnkeleka kusini na? URasoolullah sallallahu alayhi wasallam ingaba uyomnkele kusini na i-Islam? Waphendula wathi: Malunga nam Ndithi Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, Mnye, akanahlakani kwaye uMuhammad siSicaka kunye nomThunywa waKhe. UNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Xa kunjalo inene u-Allah uyakuqhubekeka ekuxolela kwaye abeke endaweni yezinto ezingalunganga izinto ezintle Ngalo lonke ixesha unyanisekile kule Kalimah.Yakuva oku le ndoda indala yathi: O Rasoolullah! Kuzakwenzekani ekungcatsheni kwam nasekuhenyuzeni? UNabi sallallahu alayhi wasallam waphendula wathi: (Olubeko kwezinto ezintle endaweni yezimbi) kuquka ukungcatsha kunye nokuhenyuza.Yaguquka lo ndoda

indala yemnka isithi (ngenxa yolonwabo): Allahu Akbar, La-ila-ha-illallah. *(Tafsir ibn Kathir)*

46. **U-Abdullah ibn Amr ibn Al Aas** radhiallahu anhuma uthi Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Inene u-Allah uzakuzisa ngaphambili indoda kwi Ummah yam phambi kwendalo yonke ngomhla weQiyaamah amashumi asithoba anesithoba eencwadi zezenzo zakhe ezingalunganga ziyakuthiwa thaca phambi kwakhe, incwadi nganye ubude bayo bude buyokuphela apho amehlo aphela khona ukubona. U-Allah uzakubuza: Ingaba ikhona na into (ebhaliweyo) oyiphikayo na apha? Ingaba ababhali bam bakucinezele na? Uyakuphendula athi :Hayi(abandicinezelanga) O Nkosi yam. U-Allah uzakuthi: Ingaba unaso na isikhalazo okanye ikhwiniba malunga noku? Hayi, Nkosi yam.U-Allah uzakuthi: Sinesenzo esihle sakho kwaye Inene, namhlanje akuzokufumana kucinezelwa. Emva Koko kuzakuziswa iphetshana kulo ekubhalwe la magama: Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, kwaye uMuhammad siSicaka nomThunywa ka-Allah. Emva Koko u-Allah uzakuthi: Hamba uyokuliveyisha elo phepha. Yona (lo ndoda) iyakuthi: O Nkosi yam, Ingaba ubuncinci nobunzima beliphetshana xa ulithelekisa nezincwadi (buza kwenza owuphi umahluko? U-Allah uyakuthi: Inene akuzokucinezelwa.Iincwadi ziyakubekwa kwesinye isitya sesikali ukuze eliphetshana libekwe kwesinye isitya sesikali .Emva koko zonke ezoncwadi ziyakubhabha emoyeni (ngenxa yokusindwa) liphetshana, Akukho nto inobunzima ukogqitha igama lika Allah. *(Tirmidhi)*

47. **U-Abu Amrah Al Ansari** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye mna Ndisisithunywa Sakhe. Nasiphi na isicaka esidibana no

Allah sinale nkolelo, le kalimah iyakumkhusela emlilweni ngemini yomGwebo, kwenye ihadith Akukho namnye uyakudibana no Allah engqina ezi zinto zimbini (ubunye buka Allah kunye nobuProfethi bukaMuhammad sallallahu alayhi wasallam ngemini yomGwebo, Koko uyakungeniswa eJannah nokuba unezono ezingakanani. *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma-uz-Zawaid)*

48. **U-Itban ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Nawuphina umntu ongqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye mna Ndisisithunywa Sakhe, asokuze angeniswe esihogweni okanye atshiswe ngumlilo. *(Muslim)*

49. **U-Abu Qatadah** radhiallahu anhu usibalisela iindaba awazifumana kutata wakhe ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Nawuphina umntu ongqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye uMuhammad siSicaka sika Allah, kwaye rhoqo Ulwimi lwakhe lucengceleza lonto ngelixa intliziyo nayo yonelisekileyo ngawo, umlilo wesihogo awusayi kumtshisa. *(Baihaqi)*

50. **U-Muadh ibn Jabal** radhiallahu anhu uchaza uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Akukho namnye othi asweleke engqina ngokuqinisekileyo ngentliziyo ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah nokuba mna ndingumThunywa Wakhe, uyakuxolelwa izono ngu Allah. *(Musnad Ahmad)*

51. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngaxesha apho wayekhwelise UMuadh ibne Jabal radhiallahu anhu ngasemva enkameleni wathi: O Muadh ibn Jabal! UMuadh waphendula: Ndikhona, Inga

ungasikeleleka, O Rasoolullah! Kwakhona wathi: O Muadh! Kwakhona Ndaphendula ndathi: Ndikhona, Inga ungasikeleleka, O Rasoolullah! Lo ntetho yaqhubekeka amatyeli amathathu, emva koko wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: Nawuphina umntu ongqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye uMuhammad siSicaka nomThunywa ka-Allah ngokunyanisekileyo entliziyweni yakhe, u -Allah uyakumkhusela emlilweni. UMuadh wathi: O Rasoolullah! Ingaba ndingabaxeleli na abantu khona ukuze bazokubhiyoza? Yena (sallallahu alayhi wasallam) waphendula: Iziqhamo zokubaxelela ziyakukhokelela ekubeni baxhomekeke Koko kuphela (bangazenzi ezinye izinto ezilungileyo) kodwa UMuadh wayichaza le Hadith ngethuba esekhukweni lokufa, ngenxa yokuba esoyikisela ukufumana isono (ngokuthi afihle ulwazi). *(Bukhari)*

52. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi Wathi uNabi sallallahu alayhi wasallam: Oyena ufanelwe kukufumana ukuthethelelwa ndim ngemini yoMgwebo, ngulowo uthi La-ila-ha-illallah ngokunyaniseka kwentliziyo. *(Bukhari)*

53. **U-Rifa'ah AI Juhani** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Ndiyangqina phambi ko Allah ukuba nasiphi na isicaka sika Allah esisweleka, singqina ngokunyanisekileyo ngentliziyo yakhe ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, nokuba mna ndingumThunywa ka Allah, enze Izenzo ezihle, Inene uyakuyingena iJannat. *(Musnad Ahmad)*

54. **U-Umar ibn Al Khattab** radhiallahu anhu uthi: Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Inene kukho iKalimah endiyaziyo, Yona akukho sicaka sika Allah esiyifunda ngokunyanisekileyo entliziyweni yaso, size sisweleke sikulo

meko, ngaphandle kokuba u-Allah uyakusikhusela emlilweni; lo kalimah ngu La-ila-ha-illallah. *(Mustadrak Hakim)*

55. **U-Iyyad Al Ansari** radhiallahu anhu uyinxulumanisa noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ukuba wathi: Inene uLa-ila-ha-illallah yikalimah ethetyathwa njenge nexabiso ngu Allah. Inenqanaba eliphezulu ku Allah. Kwaye yikalimah eyakuthi kulowo uthi ayifunde ngokunyanisekileyo, u-Allah uyakumthumela eJannah, kanti lowo uthi ayifunde ngokunganyanisekanga, iyakumkhusela ubomi bakhe kwaye ikhusele ubutyebi bakhe (kweli hlabathi) kodwa xa edibana no Allah ngomhla weQiyaamah, uyakumgweba (ngokufanelekileyo). *(Bazzar, Majma-uz-Zawaid)*

56. **U-Abu Bakr Siddiq** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo ungqina ukuba La-ila-ha-illallah akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, ngentliziyo iseka lonto ayithethe ngolwimi, uyakuyingena iParadesi nokuba kungeliphi na ucango alinqwenelayo. *(Abu Ya'la)*

57. **U-Abu Musa** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Thabatha iindaba ezimnandi kwaye uzinike abanye abantu, ukuba lowo ungqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye unyanisekile koko kungqina, uyakuyingena iJannat. *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma-uz-Zawaid)*

58. **U-Abu Darda** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Uyakuyingena iParadesi Lowo ungqina ngokunyanisekileyo ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye uMuhammad siSicaka nomThunywa ka-Allah. *(Majma-ul-Bahrain)*

59. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uthi Wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: Ndathi ndakungena eJannah ndabona emacaleni wayo omabini imigca emithathu yemibhalo ebhalwe ngegolide.Umgca wokuqala: La-ila-ha-illallah Muhammadur Rasoolullah *(Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye uMuhammad ngumThunywa ka Allah)*. Umgca wesibini: Yonke into ebesiyenzile siwufumene umvuzo wayo kanti yonke esiyityileyo sizuzile kuko, kanti yonke esiyishiye ngasemva ibe yilahleko. Umgca wesithathu: I-Ummah eyonayo kunye neNkosi exolela rhoqo. *(Jami-us-Saghir)*

60. **U-Itban ibn Malik Al Ansari** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Akukho nasinye isicaka sika Allah esiyakuvela ngemini yomGwebo ekubeni sifunde u La-ila-ha-illallah ngenxa yokufuna ukukholisa u Allah, koko u Allah akasayikuvumela ukuba singeniswe emlilweni. *(Bukhari)*

61. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ngodaba oluvela kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Lowo uthi alishiye elihlabathi enenkolelo enyanisekileyo ngo Allah Yedwa, Yena ungenamahlakani, abe ebe thandazile imithandazo eyirholile iZakaat, ulishiya elihlabathi u-Allah ekholisekile (onwabile ngenxa yakhe.

62. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene, uphumelele lowo uthe wabekela bucala intliziyo yakhe ngokunyanisekileyo kwi Imaan kwaye wahlambulula intliziyo yakhe (kwiiShirk nobuhanahanisi) kwaye agcine Ulwimi lwakhe lunyanisekile, nenkanuko zakhe zoneliseke kwaye isimilo sakhe sime tye, kwaye wenze iindlebe zimamele (Inyani) kwaye namehlo (ajonga izinto ezingqamelene ne-Imaan). *(Musnad Ahmad)*

63. **U-Jabir ibn Abdullah** radhiallahu anhuma uthi: Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Lowo uthi adibane noAllah, engamdibanisi namahlakani, uyakungena iJannat. Lowo uthi adibane noAllah emdibanisa namahlakani, uyakungena emlilweni. *(Muslim)*

64. **U-Ubadah ibn Samit** radhiallahu anhu uthi Ndeva uRasoolullah esithi: Nawuphina umntu othi asweleke engenzanga amahlakani no-Allah, Inene u-Allah wenze haraam umlilo kuye. *(Amalul Yaumi wal Lailah lin Nasai)*

65. **U-Nawwas ibn Sam'an** radhiallahu anhu uchaza weva uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Nawuphina lowo uthi asweleke, engadibanisi mahlakani noAllah, Inene kuyimfuneko ukuba axolelwe. *(Tabarani, Majma-uz-Zawaid)*

66. **U-Muadh** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wabuza: O Muadh! Ingaba ubuyimamele na ingxolo phezolo? Ndaphendula ndathi: Hayi. UNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene iNgelosi esuka kwiNkosi yam ibifikile, indiphathele iindaba ezimnandi zokuba Nawuphina umntu kwi Ummah yam othi asweleke, engenzi mahlakani noAllah, uyakungeniswa eJannah. Ndathi: O Rasoolullah! Ingaba ndingaphumi na uyokuxelela abantu ezindaba zimnandi? UNabi Sallallahu alayhi wasallam waphendula: Bayeke (ungabaxeleli) khona ukuze bazokukhuphisana ekwenzeni izinto ezilungileyo. *(Tabarani)*

67. **U-Muadh ibn Jabal** radhiallahu anhu uthi Wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: O Muadh! Uyalazi na ukuba yintoni na ilungelo lika Allah kwizicaka zakhe kwaye yintoni na ilungelo lesicaka ku-Allah? Ndaphendula ndathi: U-Allah nomThunywa

wakhe bazi ngcono. Wathi: Inene ilungelo lika Allah kwizicaka zaKhe, kukuba zimkhonze, kwaye zingenzi mahlulelane naYe. Amalungelo esicaka ku Allah Sub-haanahu waTa'ala kukuba angamohlwayi lowo ungenzi mahlakani naYe. *(Muslim)*

68. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba inene uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi Lowo uyakuthi adibane noAllah engakhange enze mahlakani naYe, kwaye engazange abulale mntu, uyakudibana no Allah enomthwalo olula emqolo kuye. *(Tabarani, Majma-uz-Zawaid)*

69. **U-Jarir** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo mntu uthi asweleke engadibanisi mahlakani noAllah kwaye engazange aphalaze gazi ngengcinezelo, uyakuyingeniswa iJannah kuwo nawuphina umnyango awuthandayo. *(Tabarani, Majma-uz-Zawaid)*

## Part 2 | Ukukholelwa koku ngabonakaliyo

70. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba Inene Gabriyeli Alayhi Salaam wabuza uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: Wathi yintoni na i-Imaan? Waphendula wathi: I-Imaan Ithetha ukukholelwa ku Allah kunye nemini yokugqibela, kwiiNgelosi, kwiincwadi (ezingcwele), kubaProfethi kunye nokukholelwa kobukho beJannah nesihogo, nokuba uphenduliswe ngezinto ozenzileyo kunye nokuveyishwa esikalini kwezenzo, nokuba ukholelwe zonke iinkalo malunga nesiphetho esilungileyo nesingalunganga. Wathi (uGabriyeli alaihis salaam) Ke xa ndenze njalo, Ingaba ndiyakuba ndikholiwe na? URasoolullah sallallahu alayhi wasallam waphendula wathi: Ukuba wenze njalo uyakube ukholiwe. *(Musnad Ahmad)*

71. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: I-Imaan kukuba ukholelwe ku Allah kwiiNgelosi Zakhe kunye nokuba uzakuhlangana Naye (kwixesha elizayo) kunye naba Thunywa Bakhe nokuba ukholelwe kwimini yoVuko. *(Bukhari)*

72. **U-Umar ibn Al Khattab** radiallahu anhu uthi weva uNabi sallallahu alayhi wasallam esithi: Lowo uthi asweleke ekholelwa ku Allah, imini yokugqibela, kuyakuthiwa kuye: Ngena kulo naliphi na ucango oluthandayo kumacango asibhozo eJannah. *(Musnad Ahmad)*

73. **U-Abdullah ibn Masud** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Entliziyweni yomntu kukho ingcinga ekhuthazwa nguShaytaan kunye nengcinga ekhuthazwa yiNgelosi, ingcinga ekhuthazwa nguShaytaan kukuba wenze izinto ezimbi nokuba uthabathe inyani njengobuxoki.Yona ingcinga ekhuthazwa yiNgelosi ikhuthaza ukwenza izinto

ezilungileyo, nokuxhasa inyani. Kengoko lowo uthi afumanise Entliziyweni yakhe ingcinga yokwenza okulungileyo nokuxhasa inyani, kufuneka ayazi ukuba sisikhokelo sika Allah kufuneka abulele u Allah ngaso, kanti lowo ufumana ezinye iingcinga (eziphuma kuSathana) kufuneka acele ukukhuselwa ngu Allah kuSathana oqalisekisiweyo, emva koko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wacengceleza le vesi yeQuran, "USathana unoyikisa ngobuhlwempu kwaye uniyalela ukungcola." (Surah Baqarah 2:268) *(Tirmidhi)*

74. **U-Abu Darda** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi Hlonipha u Allah Ophakamileyo, uSobunganganasha kunye NoSozuko, uyakukuxolela. *(Musnad Ahmad)*

75. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu, uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam kwenye iHadith Qudsi uthi Allah Ta'ala wathi: Yini na zicaka zam! Inene ingcinezelo ndiyenze ayavumeleka kuM Buqu kwaye nakuni ndiyenze ayavumeleka, kengoko musani ukucinezelana. Yini na zicaka Zam! Ninonke ningabalahlekileyo ngaphandle kwalowo Ndithe Ndamkhokela, kengoko celani ukukhokelwa Kum, Ndizakunikhokela. Yini na zicaka Zam! Ninonke nilambile ngaphandle kwalowo Ndithe Ndamnika ukutya, kengoko celani ukutya Kum. Ndiyakunityisa. Yini na zicaka Zam! Ninonke nize ngaphandle kwalowo ndimnxibisileyo, kengoko celani ukunxityiswa Kum, Ndiya kuninxibisa. Yini na zicaka Zam! Inene niyona ubusuku nemini, Mna Ndixolela zonke izono, Cela ukuxolelwa izono Kum, Ndiyakuxolela. Yini na zicaka Zam anisokuze nindonzakalise xa niceba oko kwaye anisokuze nikwazi ukuba lulutho Kum xa niceba oko. Yini na zicaka Zam! Nokuba owokuqala kunye owokugqibela kuni abantu okanye iijinn bebengamalungisa aneqondo eliphezulu elilingana nalowo ulilungisa kubo bonke,

konke oko akusayi kongeza nto ebukumkanini Bam. Yini na Zicaka Zam! Kananjalo nokuba owokuqala okanye owokugqibela kuni abantu kunye nee jinn zenu bebengendawu ngokulinganayo nalowo ungoyena uqaqadekileyo kuni, konke oko akusayi kubunciphisa ubuKumkani Bam.Yini na Zicaka Zam! Nokuba owokuqala kunye nowokugqibela kuni abantu kunye nee jinn banokuma endaweni ephangaleleyo, Bonke bacele Kum, kwenzeke ukuba Ndibanike bonke oko bakucelayo, akusayi kunciphisa koko Ndinako nakangangoko kulingana namanzi athi asheke xa uthe wathi nxu inaliti elwandle wokugqiba uyikhuphe. Yini na Zicaka Zam! Konke oku zizenzo zenu endizigcinileyo, endizakubuyekeza ngazo ngokupheleleyo, kengoko lowo uthi afumane okulungileyo, kufuneka adumise u Allah, ukuze lowo uthe wafumana ngaphandle koko kufuneka azisole yena Buqu. *(Muslim)*

76. **U-Abu Musa Al Ashari** radhiallahu anhu uthi wema uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam phakathi kwethu wenza amazwi amahlanu: 1) Inene u-Allah akalali, akozeli. 2) Nguye onikezela isikali sesondlo kwaye ikwanguye osinyusayo. 3) Izinto ezenziwe ebusuku ziyonyuswa phambi kokuba kufike ezasemini. 4) Izenzo zasemini phambi kwezenzo zasebusuku. 5) Isahluli (veil) saKhe kukukhanya, ukuba unokusisusa ukukhazimla kozuko lwaKhe kungatshisa yonke indawo apho ukujonga Kwakhe kufikelele khona. *(Muslim)*

77. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene u-Allah Ta'ala wadala u-Israfiel Alayhis salaam.Ukususela kumhla wokudalwa kwakhe ugcine iinyawo zakhe emgceni, kwaye engaphakamisi namehlo. Kukho (izahluli zokukhanya) (veils) ezingamashumi asixhenxe phakathi kwakhe neNkosi Esikelelikeyo nePhakamileyo. Ukuba

unokusondela kwezo zahluli (veils), angavutha amadangatye. *(Masabih-hus-Sunnah)*

78. **U-Zurarah ibn Awfa** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wabuza uGabriyeli Alayhi Salaam: Ingaba wakhe wayibona na iNkosi yakho? uGabriyeli alaihis salaam wangcangcazela waphendula wathi: O Muhammad! Inene phakathi kwam naYe kukho izahluli (veils) ezingamashumi asixhenxe zokukhanya, ukuba ndinokusondela nokuba kusisahluli (veil) esinye ndingatsha *(Masabih-hus-Sunnah)*

79. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Chitha, (O mntu), Nam ndiyakuchitha (ubutyebi) kuwe. Emva koko wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam: Isandla sika Allah (sigcwele bubutyebi) kwaye ukuba achithe ubutyebi kuso rhoqo imini nobusuku akwenzi mahluko ekugcwaleni kwaso. Kwakhona wathi: Uyabona na ukuba uchithe kangakanani ukususela mhla wadala izulu nomhlaba? Itrone Yakhe yayiphezu kwamanzi .Konke oko azange kukucuthe oko kuse sandleni sakhe.Esandleni Sakhe kukho isikali (sobulungisa), apho abanye (abantu) beyenyuswa kanti abanye bayehliswa. *(Bukhari)*

80. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: U Allah ngemini yomGwebo uyakuwuthabathela kuye umhlaba, uyakuwasonga amazulu ngesandla Sakhe sasekunene, emva koko uyakuthi: Ndiyi Kumnkani. Ziphi na iikumnkani zasemhlabeni? *(Bukhari)*

81. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu Wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam Mna ndibona oko Nina ningakuboniyo, kwaye ndiyeva oko Nina ningakuviyo, izulu (ngenxa yobukhulu baKhe

nobungangamsha baKhe) liyakrixiza.kwaye kufanelekile ukuba lenze njalo, kuwo akukho sithuba singange minwe emine Koko kuso kukho iNgelosi equbude ngebunzi layo ku Allah. Ndifunga ngo Allah! Ukuba ubunokukwazi endikwaziyo, ubunokuhleka kancinci ulile kakhulu, ubungasokuze uve bumnandi namakhosikazi enu ezibhedeni, benizakuya kwiindawo eziphakamileyo, nicela ngokuzingisileyo ku Allah.Inene ndinqwenela ukuba ngaske kuthi kanti ndandisisityalo sona sincothulwayo (emhlabeni)! *(Tirmidhi)*

82. **U-Ubayy ibn K'ab** radhiallahu anhu uchaza ukuba iMushrikeen zathi kuNabi sallallahu alayhi wasallam: O Muhammad! Uthini Umnombo weNkosi yakho? Kulapho u Allah Tabaaraka waTa'ala wathumela usurah ikhlaas: Ithi (O Muhammad)! Yena ngu Allah, Mnye u Allah uzimele kuYe yonke into ixhomekeke kuYe. Akazali.kwaye akazelwanga. Akukho namnye onokulinganiswa naYe. *(Musnad Ahmad)*

83. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Uthi Allah Azza Wajall: Unyana ka Adam (umntu) uyandixoka nasekubeni kungafanelekanga ukuba enze njalo, undithukile nasekubeni kungafanelekanga ukuba enze njalo, uyandithyola ngokuxoka ngokuthi Andisayi kuphinda ndimvuse (emva kokufa), njengokuba ndandimdalile ekuqaleni; kwakhona uyandithuka xa esithi u-Allah unonyana, nasekubeni ndingaxhomekekanga ntweni yonke into ixhomekeke kuYe, Andizange ndizalwe kwaye Andizelanga akukho namnye olinganayo Nam. *(Bukhari)*

84. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi ndenva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi: Abantu bayakuthi rhoqo bathethe malunga (no Allah) bade bathi: U-Allah udale indalo yonke, kodwa ngubani odale u-Allah? Xa besitsho, ithi kubo: U-

Allah Mnye, u-Allah akaxhomekekanga kuYe yonke into ixhomekeke kuYe, Akazelanga kwaye akazelwanga kwaye akukho namnye olinganayo naYe Emva koko tshica kancinci ngasekhohlo amatyeli amathathu ucele ukhuselo ku-Allah kuSathana oqalekisiweyo. *(Abu Dawud, Mishkat-uI-Masabih)*

85. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Uthi u-Allah Ta'ala undivisa kabuhlungu unyana kaAdam (umntu) ngokuqalekisa ixesha, nasekubeni iNdim ixesha. Ulowulo lwezinto zonke likum kwaye Ndim oguquguqula imini nobusuku. *(Bukhari)*

86. **U-Abu Musa Al Ash'ari** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Akukho namnye onyamezelayo ukukhutyekiswa ngamazwi awavayo kuno Allah! Abantu boyamanisa unyana kunye naYe, kodwa nasekubeni kunjalo ubagcina bephilile kwaye uyabondla! *(Bukhari)*

87. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi Wathi uNabi sallallahu alayhi wasallam uthi: Ekubeni u-Allah edale indalo. Wabhala kwincwadi yaKhe engakuYe phezu kwetrone: Inene inceba Yam ingaphezulu kunomsindo Wam. *(Muslim)*

88. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Ukuba Ikholwa belinokwazi ukuba u-Allah ulibekele ntoni na ngokwesohlwayo (kwabo batsibe imiqathango), akukho namnye ebenokulahla ithemba lokufumana iParadesi yaKhe. *(Muslim)*

89. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene u-Allah Ta'ala uneenceba ezilikhulu. Uthumele emhlabeni inceba enye (kwezo Nceba) wayohlula phakathi kweeJinn, abantu, izilwanyana kunye

nezinambuzane. Ngenxa yalo nceba yonke indalo ibonisa uvelwano enye kwenye, ngenxa yayo indalo ibonisa inceba enye kwenye, ngenxa yayo izilwanyana zibonisa uvelwano kwinzala yazo: UAllah uzigcinile iinceba zaKhe ezingamashumi asithoba anesithoba, zona uzakuzinika izicaka zaKhe ngemini yomGwebo. *(Muslim)*

Kwenye inguqulelo yeMuslim: Ngemini yomGwebo uyakuzigcwalisa iinceba zaKhe (into ethetha ukuthi ngemini yomGwebo izicaka zaKhe ziyakufumana iinceba ezilikhulu). *(Muslim)*

90. **U-Umar ibn Al Khattab** radhiallahu anhu uchaza ukuba amabanjwa emfazwe aziswa kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, umfazi othile kulo mabanjwa wayekhangela umntwana wakhe.Ekubeni emfumene umntwana wakhe phakathi kwamabanjwa, wamthabatha umntwana wakhe wamthi nca emzimbeni wakhe wamnesa. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi kuthi: Ingaba nicinga lo mfazi angamphosa emlilweni lo nyana wakhe? Saphendula sathi: Hayi, Sifunga ngo Allah, kangangoko enamandla asokuze amphose emlilweni. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene u-Allah unenceba nangaphezulu kwizicaka zaKhe ukugqitha lo mfazi kunyana wakhe! *(Muslim)*

91. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngamini ithile waya wema emthandazweni, nathi sema naYe.Umhlali wasemaphandleni ngelixesha esemthandazweni wenza idua ngelizwi eliphezulu: Owu Allah! Hlisa inceba Yakho kum kunye noMuhammad kwaye ungabahliseli inceba abanye ngaphandle kwethu! Wakugqiba ukuthandaza wenza isalaam, wathi kulo mhlali

wasemaphandleni: Uye wanciphisa into ebanzi, ethetha inceba ka Allah. *(Bukhari)*

92. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Ndifunga ngalowo ubomi buka Muhammad busezandleni zaKhe, Nawuphina umntu, eliJuda okanye umKrestu othi ave malunga nam kodwa asweleke ngaphandle kokukholelwa koko ndize nako, lowo uyakuba yinxalenye yabo baya esihogweni. *(Muslim)*

93. **U-Jabir ibn Abdullah** radhiallahu anhuma uchaza ukuba iiNgelosi zeza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngethuba elele. Ezinye zazo zathi: Inene ulele.Ezinye zathi, amehlo akhe alele kodwa intliziyo yakhe ihleli.Emva zathi: Inene kukho umzekeliso ngeliqabane lenu. Enye yathi zisa elubala lo mzekeliso wakhe. Ezinye zazo zathi: Ulele. Ezinye zazo zathi: Amehlo akhe alele kodwa intliziyo yakhe ihleli. Zathi (iiNgelosi): Umzekeliso wakhe ngulowo wendoda eyathi yakha indlu yenza itheko kuyo ekubeni ummemi ememezile. Kengoko lowo uthe wasabela eso simemo, uyakungena endlwini, adle kweso sidlo. Ukuze lowo uthe akasomnkela isimemo akasayi kungeniswa endlwini kwaye angatyi ekutyeni. Emva koko zathi iiNgelosi: Nika ingcaciso yalo (mzekeliso) khona ukuze azokuwuqonda. Ezinye zazo zathi: Ulele, ezinye zazo zathi: Amehlo akhe alele kodwa intliziyo yakhe ihleli! Zathi: Indlu yiParadesi (Jannat) ummemezi nguMuhammad sallallahu alayhi wasallam. Lowo uthe wathobela uMuhammad sallallahu alayhi wasallam, inene uthobele u Allah, lowo uthe akamthobela uMuhammad sallallahu alayhi wasallam ngokuyinene akamthobelanga u Allah.UMuhammad sallallahu alayhi wasallam iimfundiso zakhe zohlula abantu abalungileyo kwabo bangalunganga. *(Bukhari)*

94. **U-Abu Musa** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene umzekeliso wam nomzekeliso woko u-Allah andithumele kona, ngumzekelo wendoda eyathi yeza ebantwini yathi: Yini na bantu bam! Inene umkhosi ndiwubonile ngawam amehlo, inene ndingumlunkisi onyanisekileyo, kengoko zikhuseleni! Iqela elithile kubantu bakhe bamthobela: Elo iqela labantu bakhe lahamba ngobusuku ngokufihlakeleyo bade bayokufika kwindawo ekhuselekileyo. Lona elinye iqela azange lisikholelwe isilumnkiso sakhe bahlala kwiindawo zabo kwada kwakusasa. Umkhosi (lowo) wabahlasela ekuseni, wabatshabalalisa wabahlaza. Lowo ngumzekelo walowo uthi andithobele alandele oko ndize nako (iQuran kunye neSunnah), umzekelo walowo uthe akandithobela kwaye angakholelwa kwinyani endize nayo. *(Bukhari)*

95. **U-Abdullah ibn Thabit** radhiallahu anhu uchaza ukuba u-Umar Ibn Al Khattab radhiallahu anhu weza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Yini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Ndiye ndagqitha kumntakwethu (wohlanga lwamaQuraizah; Uye wandibhalela ngokuphangaleleyo (ngokuthethwa) yiTowraat.Ingaba ndingakubonisa na? (u Abdullah) uthi: Ubuso bukaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam batshintsha umbala. U Abdullah Ibni Thaabit emva koko uthi: Ndathi ku Umar: Akuziboni iimpawu zomsindo ebusweni buka Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam? Akubona u Umar impazamo yakhe wathi: Siyavuya kukuba uAllah enguMlondolozi wethu nokuba i-Islam yinkolo yethu kwaye nokuba uMuhammad sallallahu alayhi wasallam engumThunywa waKhe. UAbdullah uthi: Wathotha umsindo kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Ndifunga ngalowo ubomi buka Muhammad busezandleni zaKhe, Ukuba uMusa ebenokufika kuni, Nina nilandele yena, nindishiye mna, inene benizakulahleka. Inene nina nisisabelo Sam kuzo zonke iintlanga,

kwaye nina mna ndisisabelo senu kwabanye abaProfethi. *(Musnad Ahmad)*

96. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Bonke abalandeli bam bazakulingena izulu ngaphandle kwabo balayo (bandiphikayo) AmaSahaba athi: Hini na Mthunywa ka Allah! Ngubani na lowo ukwalayo (ukuphikayo)? Yena waphendula wathi: Lowo undithobelayo uyakungena izulu (Jannat) ukuze lowo ungandithobeliyo, ngokuyinene uyandala (uyandiphika) *(Bukhari)*

97. **U-Abdullah ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Akukho namnye oyakufumana i-Imaan egqibeleleyo ade abe iinkanuko zakhe zingaphantsi kwale nkolo ndize nayo. *(Sharh-hus-Sunnah lil Baghawi, Jamiul Ulum wal Hukum)*

98. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi kum: Nyana Ukuba unokwazi imini nobusuku ukunqanda intliziyo ukuba iqhathe okanye inqwenele okubi komnye umntu, yenza njalo.Emva koko wathi kum: Nyana! Ukwenza oko yiSunnah yam, lowo uvuselela iSunnah yam, inene lowo uyandithanda, Lowo undithandayo uyakuba nam eParadesi. *(Tirmidhi)*

99. **U-Anas ibn Malik** radhiallahu anhu uthi kwafika iqela la madoda amathathu ezindlwini zamakhosikazi kaNabi sallallahu alayhi wasallam ezo kubuza malunga nokukhonza kuka Nabi sallallahu alayhi wasallam.Bathi bokuchazelwa (ngokukhonza kwakhe) kwakhangeleka bekweya kunoko bebe kulindele. Bathi siphi na thina xa sizithelekisa noRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ekubeni yena u Allah emxolele iimpazamo zakhe ezagqithayo

nezo zizayo: Omnye wabo wathi: Mna ngokunokwam, Ndiyakuthandaza ubusuku bonke ubomi bam bonke, Omnye wabo wathi, Mna ndiyakuzila ukutya ubomi bam bonke andisayi kuyophula.Omnye wathi: Ndiyakuzikhwebula ebafazini, andisayi kutshata. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam weza Kubo wathi: Ingaba Nini na abathethe njena nanjena? Qaphelani. Ndifunga ngo Allah! Inene Ndim omoyikayo u Allah kunani nonke, kwaye ndingoyena ulilungisa kuni. Kodwa (nasekubeni kunjalo) ndiyazila ukutya, kwaye ndiyatya xa kufuneka ndityile, ndiyathandaza kwaye ndiyalala (ebusuku), nditshatile abafazi, kengoko lowo uthi anikele umhlana iSunnah yam akayiyo inxalelenye yam! *(Bukhari)*

100. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo uthi abambelele kwiSunnah yam ngexesha lokunganyaniseki kwi Ummah yam, yena uyakufumana umvuzo wegorha elifele emfazweni yokukhusela i-Islam. (*Tabarani*, *Targhib*)

